INDLELA YOKUBA NOBULUMKO PHAMBI KOTHIXO

Buvela phi na ke ubulumko? Iphi na indawo yengqondo? Wathi emntwini, Yabona, ukoyika uYehova, bubulumko obo; nokutyeka ebubini kuyingqondo. Yobhi 28:20, 28

Yingqalo yokulumka ukoyika uYehova; Banengqiqo elungileyo bonke abenza imithetho yakhe; Indumiso yakhe ingunaphakade. INDUMISO 111:10

Ndabona ukuba ubulumko buyabugqitha ubuyatha, njengokuba ukukhanya kubugqitha ubumnyama. INTSHUMAYELI 2:13

Ubulumko buyasiqinisa isilumko, ngaphezu kweshumi labanegunya abakulo mzi. INTSHUMAYELI 7:19

Ukuba ke ubani kuni uswele ubulumko, makacele kuThixo, onika bonke engenakumbi, engangcikivi; kwaye uya kuyinikwa. Ke makacele ekholwa, engathandabuzi; Kuba lowo uthandabuzayo ufana nokulatyuza kolwandle, luqhutywa ngumoya, luntsileka. Kuba loo mntu makangabi uya kwamkela nto kuyo iNkosi. Indoda emphefumlo umbaxa iyahlozinga kuzo zonke iindlela zayo. KAYAKOBI 1:5-8

Ngubani na olumkileyo, owaziyo kakuhle phakathi kwenu? Makayibonise imisebenzi yakhe ngehambo entle, enobulali bobulumko. Ke bona ubulumko baphezulu ukuqala bunyulu, buze bube boboxolo; buyancendezela, buthozame kakuhle, buzele yinceba neziqhamo ezilungileyo; abunankani, abunaluhanahaniso. KAYAKOBI 3:13, 17

Ukoyika uYehova kukuqala kokwazi; Ubulumko noqeqesho izimathane ziludelile. IMIZEKELISO 1:7

Hayi, uyolo lomntu ofumene ubulumko, Lomntu ozuze ingqondo! IMIZEKELISO 3:13

Nyana wam, ukuba uthe wawamkela amazwi am, Wayifihla kuwe imithetho yam; Ukuze uyithobele ubulumko indlebe yakho, Uyibhekise intliziyo yakho ekuqondeni; Ewe, ukuba uthe wayibiza ukwazi, Walisa ekuqondeni ilizwi lakho; ukuba uthe wabufuna njengesilivere, wabumba njengobutyebi obuselelweyo; Uya kwandula ukukuqonda ukoyika uYehova, Ukufumane ukumazi uThixo. Ngokuba uYehova upha ubulumko; Emlonyeni wakhe kuphuma ukwazi nokuqonda. Ubaqwebela ubulumko obupheleleyo, Uyingweletshetshe kwabahamba ngokuthe tye. Ulogcina umendo wesiko, Ayigcine indlela yabakhe benceba. Uya kwandula uqonde ubulungisa, nesiko, nokuthe tye; ewe, zonke iindlela ezilungileyo. IMIZEKELISO 2:1-9

Rhweba ubulumko, rhweba ingqondo; ungatyeki entethweni yomlomo wam. Musa ukubushiya, bokugcina; Mthande, wokugcina. Ubulumko yinto eyintloko; Rhweba ke ubulumko, Ngako konke ukurhweba kwakho urhwebe ingqondo. Bunonelele, ke bona buya kukuphakamisa; Bokuzukisa, xa uthe wabuwola. Boyinika entlokweni yakho isivatho esihle, Bokunika isithsaba sokuhomba. IMIZEKELISO 4:5-9

Yingqalo yokulumka ukoyika uYehova; ukwaziwa koyiNgcwele kukuqonda. IMIZEKELISO 9:10

Ukwenza amanyala kunjengokudlala kwisidenge; Ubulumko bunjengokudlala, kwindoda enengqondo. Umlomo welungisa umila ubulumko; Ulwimi lwempenduka luyanqanyulwa. IMIZEKELISO 10:23, 31

Kwafika ukukhukhumala, kofika ukucukucezwa; Bunabathozamileyo ubulumko. Oswele ubulumko udela ummelwane wakhe; Ke indoda enengqondo ihlala ithi tu. IMIZEKELISO 11:2, 12

Indoda idunyiswa ngokwengqiqo yayo, Entliziyo igwenxa iba ngodelekileyo. IMIZEKELISO 12:8

Ngokukhukhumala kuvuka ukulwa kuphela; Ubulumko bunabavuma ukucetyiswa. IMIZEKELISO 13:10

Ukumatha luvuyo koswele intliziyo; Ke indoda enengqondo ithi tye ukuhamba. Ukoyika uYehova luqeqesho lobulumko; Ngaphambi kozuko lululamo. IMIZEKELISO 15:21, 33

Ukurhweba ubulumko kungakanani na ukulunga kwako, ngaphezu kwegolide embiweyo! nokurhweba ingqondo kungakanani na ukunyulwa kwako, ngaphezu kwesilivere! IMIZEKELISO 16:16

Orhweba ubulumko uthanda umphefumlo wakhe; Ogcina ingqondo uya kufumana okulungileyo. IMIZEKELISO 19:8

Thenga inyaniso, ungathengisi ngayo; kwanobulumko, noqeqesho, nengqondo. IMIZEKELISO 23:23

Othanda ubulumko uvuyisa uyise; Ke Ohamba namahenyukazi uchitha ubutyebi bakhe. IMIZEKELISO 29:3

Intonga nesohlwayo sinika ubulumko; Ke yena umntwana oyekelelweyo udanisa unina. IMIZEKELISO 29:15